## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (40) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (20) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/ iflowutshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-60
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-30

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISINCOKO

Khetha isincoko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-150–180.

## UMBUZO 1

1.1 Ndikhumbula imini yam yokuqala kwesi sikolo. **[40]**

1.2 Imoto yam yokuqala. **[40]**

1.3 Ukhuphiswano lwebhola endakha ndalubukela. **[40]**

1.4 Isiganeko esenzeke kwilizwe lam. **[40]**

1.5 Khetha umfanekiso omNYE ubhale isincoko. Sinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.

1.5.1



[Lo mfanekiso uthatyathwe kwi-www.shutterstock.com] **[40]**

1.5.2




[Lo mfanekiso uthatyathwe kwi-www.google.co.za] **[40]**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

Khetha umhlathi omde ubemNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60–80 (umxholo kuphela).

### UMBUZO 2

**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta uvuyisana naye ngokuphumelela kwakhe emagqabini kukhuphiswano lwengxoxo-mpikiswano (Debate) ebeninalo. **[20]**


**2.2 ILETA ESESIKWENI**

Bhalela uMphathisitishi wesikhululo samapolisa umazise ngolwaphulo mthetho olwenziwa kwisitalato sakho. **[20]**

**2.3 INGXELO EMFUTSHANE**

Bhala ingxelo yentlanganiso yabafundi kunye nenqununu malunga nokongeza ixesha lokufunda phambi kweemviwo. **[20]**

**2.4 IRIVYU**




UPhilani Dladla ominyaka ingama-24, waziwa ngegama '*The Pavement Bookworm'*, kuba wayehlala ecaleni lendlela iEmpire Road , esenzela abaqhubi beemoto irivyu zeencwadi, batsho bamphe imali. Uphile ngemali yezi ncwadi wade wangumbhali naye.

[Lo mfanekiso uthatyathwe kwi-www.thepavementbookworm.com]

Bhala irivyu yencwadi ongenakukwazi ukuyilibala. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

Khetha umhlathi omfutshane ube mNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-40–60 (umxholo kuphela).

### UMBUZO 3

### 3.1 ISIBHENGEZO

Bhala isibhengezo setheko lokuvuyela ukugqiba ukubhala iimviwo. **[20]**


### 3.2 IPOSIKHADI

Bhalela ubhuti wakho ophesheya iposikhadi umkhumbuze ngeziganeko zokukhula kwenu. **[20]**

### 3.3 ISALATHISO

Umhlobo wakho ofunda eCity High School, ufuna ukuya eCity Library akayazi indlela.

Mbhalele izalathiso zokuya eCity Library ulandele izikhombisi.




[Le mephu ithatyathwe kwi-EnchantedLearning.com] **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 80**